


# INCWADI YEENDABA YAMALUNGU

UHLELO OLULODWA | APRIL 2022



## Lungu Elithandekayo

**N**diyathemba ukuba ikota yokuqala yonyaka ka-2022 ibe yeneziqhamo kuwe. Ukunyenyiswa nangakumbi kwezithintelo zokuvalwa kweentshukumo le Ngxowa-mali ikwazile ukwenza amalungiselelo okubonisana ubuso ngobuso nangakumbi, kuqhutywa iindibano kwiindawo ngeendawo ngenjongo zokufundisa nokubamba iintlanganiso zeRAC. Olu ncedo silwandisa nangakumbi ngokuthi sibe kwiphulo lokuzingela abo babesakuba ngabasebenzi-mgodini abashiya izibonelelo zabo bengazibanganga kule Ngxowa-mali. Oku sikwenza ngephulo lokuba kwiindawo ngeendawo ezimbini iLusuthu neMpuma-Kapa. Elo phulo lokuya kwiindawo ngeendawo liya kuqhutywa ngoMeyi nangoAgasti 2022 ngokulandelelanayo. Ukuba unabasebenzi-mgodini obaziyo abashiya iimayini zabo zangaphambili neendawo zasezimayini bephindela kumakhaya abo eLusuthu naseMpuma-Kapa bengazibanganga izibonelelo zabo ngo-1989, nceda ubazise ukuba mabalindele ezo ndibano okanye baqhagamshelane nale Ngxowa-mali ngqo ku-010 100 3001 ukuze bafumanise eyona ndawo nomhla eziya kubanjwa ngawo ezo ndibano.

Iyasivuyisa into yokuba senze ingxelo ethi le Ngxowa-mali ifumene imbuyekazo entle kakhulu kutyalo-mali lwayo phaya ekupheleni kuka-2021. Umlinganiselo

ebekujongwe kuwo wonyaka o-1 ubuyi-9.97% yaza iNgxowa-mali yatsho ngesithonga sembuyekazo emangalisayo eyi-18.55 kweso sithuba sonyaka o-1. Ezi ziphumo zingabalelwa kumsebenzi wobugosa omhle kakhulu nonenkuthalo weKomitana yoTyalo-mali neyeBhodi yeNgxowa-mali iyonke kananjalo nakubuchule bengqondo botyalo-mali oluluqilima ndawonye nesiseko esichazwe kwiSitamenti soMgaqo-nkqubo woTyalo-mali. Isivuyisa kakhulu loo nto kwaye siya kuqhubeka ngokuxhasa umnqweno onzulu weBhodi wokusoloko isebenza ngokweminqweno yamalungu eMWPF, njengoko kubonakaliswe koku kukhula kungakakazi.

Kule ncwadana yeendaba sithetha ngokubaluleka kweengcebiso ezimalunga nezibonelelo, ukugcwaliswa kweefomu zokutyumba abaxhamli nokulumka xa ubanga izibonelelo zakho. Ndiya themba ukuba ezi ndatyana uya kuzifumana ziluncedo. Ukuba unemibuzo ethile malunga nokuqulethwe kule ncwadana yeendaba imeyilela apha [externalcomm@mineworkers.co.za](mailto:externalcomm@mineworkers.co.za).

**Ozithobileyo**  
**Frans Phakgadi**  
**Principal Officer**

Lungu Elithandekayo

## UKUNQINISWA NGOKUQHELEKILEYO OF FUND ICEO

**E**mva kwentlanganiso yeBhodi yengxowa-mali yezibonelelo zabasebenzi basemigodini, i-Mineworkers Provident Fund (“le Ngxowa-mali”), yangomhla wesi-8 kuEpreli 2022, silusizi ukwazisa ukuba igosa eliyintloko yolawulo, i-Chief Executive Officer (CEO), lale Ngxowa-mali, uMnu Dumisa Hlatshwayo, uye wanqunyanyiswa okwexeshana elithile elingangeentsuku ezingama-90. Elo xesha liya kwenza ukuba iBhodi ikwazi ukuqhuba uphando olumalunga nengcaciso ethe yafikelela ezindlebeni zale Bhodi. Loo ngcaciso ayinxulumenanga neendlela i-CEO esebenze ngayo imicimbi yale Ngxowa-mali, iimpahla zayo naMalungu ayo. Njengoko loo ngcaciso ingumba osephantsi kophando Olungekaqukunjelwa, le Ngxowa-mali, amagosa ayo nabasebenzi akavumelekanga ukuba axoxe okanye abhengeze naziphi na ezinye iinkcukacha ngalo mba. Enye ingcaciso ingafumaneka ngoko kubona kweBhodi.

IBhodi ityumbe igosa eliyintloko lale Ngxowa-mali, i-Principal Officer, ukuba lingene esikhundleni sokumela i-CEO okwangoku nangelo xesha lokunqunyanyiswa. Yonke/nayiphi na imibuzo nemiba enxulumene nomsebenzi wale Ngxowa-mali kuya kufuneka idluliswe kwiPrincipal Officer ku [FPhakgadi@mineworkers.co.za](mailto:FPhakgadi@mineworkers.co.za).



Ozithobileyo

**Thomas Kgokolo**  
MVPF Chairperson of the Board





# Iingcebiso ngeeZibonelelo zoMhlalaphantsi



Iinkqubo zophando zibonakalise ukuba isininzi sabantu abathatha umhlalaphantsi nabatsala izixa-mali ezikhulu kwiingxowa-mali zabo zomhlalaphantsi, ekugqibeleni bayaphelelwa yimali. Kungeso sizathu ke kwamiselwa uMgaqo 38 ngo-2019, mgaqo lowo uthi amalungu asele esondele ekuhlaleni phantsi kufuneka aye kuzimasa iNdibano zoKucetyiswa ngoMhlalaphantsi (Retirement Benefits Counselling) Le Ngxowa-mali ibamba iindibano zokucebisa kumaxesha ngamaxesha, kwiinyanga ezili-12 ngaphambi kokuhlala phantsi, iinyanga ezi-6 ngaphambi kokuhlala phantsi ze ekugqibeleni kwiinyanga ezi-3 ngaphambi kokuhlala phantsi.

**Iinkqubo zokucetyiswa malunga nezibonelelo zomhlalaphantsi zinceda ekucwangciseni umhlalaphantsi ukuze kuphetshwe ukuphelelwa kamalungu yimali emva kokuba ethathe isambuku semali. Bakwazicacisa, ngendlela ecace gca nevakalayo ubungozi, iindleko nentlawulo:**

- zeentlobo zotyalo-mali lwale Ngxowa-mali,
- imimiselo yesicwangciso-qhinga esimalunga nomhlalaphantsi wale Ngxowa-mali,
- imimiselo neenkqubo iNgxowa-mali esebenza ngazo izibonelelo eziHlawulwe zaGqitywa (Paid-up) ngokoMgaqo 38.
- nazo naziphi na ezinye izinto amalungu anokuzikhetha.

Iindibano zokuCetyiswa ngeeZibonelelo zoMhlalaphantsi yinto eyimfuneko, kwaye kubalulekile kuwo wonke amalungu asele zakuhlala phantsi ukuba azamkele izimemo eziphuma kwicandelo leMicimbi yaBasebenzi (Human Resources) okanye kuBacebisi ngeZibonelelo zoMhlalaphantsi (Retirement Benefit Counsellors).

Bazi aBacebisi ngeZibonelelo zoMhlalaphantsi abakummandla okuwo.

## IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEBACEBISI NGEZIBONELELO

Igama nefani	Iinombolo Zoqhagamshelwano	Inqila
Mr. Gavin Pontes	060 422 8515	Free State, Phalaborwa, Matlosana, Carletonville and Rustenburg
Mr. Sithembiso Radebe	067 899 7886	Emalahleni, Secunda and Kwazulu-Natal

# Ingaba uyigcwalisile na ifomu yotyumbo yeMWPF?



**X**a kujoyinwa iNgxowa-mali, ilungu ngalinye kufuneka ligcwalise ifomu yotyumbo enoluhlu lwamagama abo baza kuxhamla. Xa unokubhubha uselilungu elirhumayo kwiNgxowa-mali, ababaxhomekeke kuwe kunye/okanye lowo okanye abo ubatyumbileyo baya kunikwa intlawulo yokubhubha engumvuzo wakho wonyaka ophinda-phindiweyo kunye neKhredithi ekwiNgxowa-mali mali leyo iya kunikwa abo baxhomekeke kuwe okanye abo ubatyumbileyo. Iinkcukacha ozibhale kwifomu yotyumbo ziya kusetyenziswa yiNgxowa-mali ngenjongo yokuqhagamshelana nabo bamagama akululuhlu lwabaxhamli wakubhubha, kwaye loo nto inceda aBalawuli beNgxowa-mali ekubeni bakwazi ukwaba izibonelelo ngendlela enobulungisa.

Ukungayigcwalisi ifomu yokutyumbo kwenza ukuba kubambezeleke ukukhutshwa kwentlawulo yezibonelelo ze ekugqibeleni neZibonelelo ezingabangwangwa. Njengoko ubomi buyinto engenakuqikelelwa nanjengoko iimeko ebezingalindelekanga zinokwenzeka nani na, ungabasindisa abo ubathandayo ekunxunguphaleni ngenxa yokuhlululwa kade kwezibonelelo ngokuthi ugcwalise ifomu yotyumbo ubuncinane kanye ngonyaka okanye nanini na xa kuthe kwabakho isiganeko esikhulu esingobomi, njengomtshato, uqhawulo-mtshato okanye ukuzalwa komntwana.

Ndwendwela u-<https://www.mwpf.co.za/pdf/membrenomination.pdf> ho tlatsa foromo ya ho kgetha bajalefa mme o dule o tseba hore bao o ba ratang ba tla hlokomeleha ha ho etsahala hore o hlokahale.

## Lumkela ukufunyanwa ungalindelanga: **LUMKELA ABENZI BOBUQHETSEBA**

**Le Ngxowa-mali ingathanda ukukukhumbuza ngelokuba uhlale ulumkile ngokuthi uzazi ezi ndlela zobuqhetseba zilandelayo ezenziwa ngabenzi bobuqhetseba:**

- Siyayazi ukuba kukho abenzi bobuqhetseba phandle phaya azenza abasebenzi beMWPF afowunela amalungu ecela ukuba acime iiselfowuni zawo. Ukucima iselfowuni yakho kuthetha ukuba akuyi kuyibona imiyalezo ephuma kwibhanki yakho loo nto ke yenze ukuba abenzi bobuqhetseba bakwazi ukukhupha imali yakho kwiakhawunti yakho ungayazanga loo nto. Qaphela asingoMWPF. Asisokuze sikucele ukuba ucime iselfowuni yakho okwemizuzwana embalwa. Ukuba uceliwe ukuba wenze njalo nceda loo nto uyixele kwiMWPF kule nombolo 010 100 3001 ngoko nangoko.

- Abenzi bobuqhetseba bakucele ukuba ungqine iinkcukacha zakho zasebhankini efowunini. Qaphela ukuba i-MWPF ayisokuze ikucele ukuba ungqine iinkcukacha zakho zasebhankini efowunini.
- Ukucelwa ukuba uhlawule intlawulo ethile ukuze kujongwe ukuba zikho na izibonelelo ongekazihlawulwa yi-MWPF. Qaphela abo bafuna ukujonga ukuba kukho naziphi na izibonelelo ezingekahlawulwa banokunxibelelana ngqo ne-MWPF kwaye abafuni mntu wesithathu. Asisokuze sicele abo babesakuba ngabasebenzi-mgodinii okanye abaxhamli ukuba basihlawule imali ukuze sijonge ukuba banazo na izibonelelo abangekazihlawulwa. I-MWPF ayifuni ntlawulo yokujonga ukuba umntu owayesakuba ngumsebenzi-mgodini unezibonelelo na angekazihlawulwa sithi.
- Ngaphezu koko, ukuba ufowunelwe ngomnto ofuwuna ngeselfowni okanye inombolo yabucala (private number), yazi ukuba asilogosa leziko loncedo leMWPF elo. Naziphi na izenzo zobuqhetseba kufuneka zixelwe kwiziko loncedo kwinombolo engu-010 100 3001 nekwayinombolo eza kuvela kwisikrini sefowuni yakho xa ufowunelwa yi-MWPF. Lumkela ukufunyanwa ungalindelanga, khuseleka endaweni yokubabuhlungu ucele lowo ufowuna ngeselfowuni, okanye inombolo yabucala okanye nayiphi na enye inombolo engeyiyo eyeMWPF aphinde afowune ukuba uziva ungonwabanga yiloo nto.











# Hlala undiqhwetha unathi

KWAMWPF SINEZINCEDO EZAHLUKENEYO UKUQINISEKISA UKUBA UFUMANA UNCEDO OLUFUNAYO.

**INDLELA EZAHLUKENEYO ZOKUHLALA UNXIBELELANA NATHI:**

## Amaziko Ongena Kuwo Ngaphakathi

Amaziko ongena kuwo ngaphakathi	Idilesi yeNdawo yoKuhlala	Inombolo yomnxeba	I-imeyili
Johannesburg	26 Ameshoff Stree Braamfontein	(010) 100-3001	clientservices@mineworkers.co.za
Carletonville	No.2 Office Park, Uys Buys Cnr Kaolin & Radium Street Carletonville	(010) 100-3001	clientservices@mineworkers.co.za
Witbank	19 Geringer St Del Judor, Emalahleni	(010) 100 3001	clientservices@mineworkers.co.za
Mthatha	No. 49 Leeds and Craister Street Metropolitan Place	(047) 531 1833	clientservices@mineworkers.co.za
Mozambique	En1 Avenida Samora Machel Enfrente ao Chave de Ouro Balcao 16 Provincia de Gaza Cidade de Xai Xai	+258 282 22 675	clientservices@mineworkers.co.za

-  MWPF Call Centre: 010 100 3001
-  Fax: 086 661 9532
-  Europ Assist (FAB) Contact Number: 0861 166 111
-  Website: [www.mwpcf.co.za](http://www.mwpcf.co.za)
-  Email: [clientservices@mineworkers.co.za](mailto:clientservices@mineworkers.co.za)
-  Facebook: [mineworks\\_pf](https://www.facebook.com/mineworks_pf)
-  Instagram: [mineworkers\\_pf](https://www.instagram.com/mineworkers_pf)
-  LinkedIn: [mineworker\\_pf](https://www.linkedin.com/company/mineworker_pf)

**Ukungabinalo ibango:** linkcukacha ekunikezelwe ngazo kule ncwadi yeendaba zamalungu zikhuselwe yimithetho yobuchule bengqondo yomntu kwaye ayinakukotshwa, isasazwe okanye iguqulwe ngenjongo yokuthengisa. Ngelixa zonke iinzame zenziwe ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha eziqulathwe apha zezangoku, zinobulungisa kwaye zichanekile, oku akunakuqinisekiswa. Ukusetyenziswa kwezi nkcukacha lilo naliphi na iqela lesithathu kuya kuba ngokokubona kweqela lesithathu kwaye kokwesimo sokwenyani kuphela. Nceda uqaphele ukuba umxholo wencwadi yeendaba zamalungu ungqubana neMithetho-siseko yeNgxowa-mali, Imithetho-siseko iya kuphumelela. I-MWPF ayamkeli naluphi na uxanduva ngenxa yayo nayiphi na ilahleko, ukonakala, iindleko kunye nenkcitho, ezinokuthi zigcineke okanye zenzeke ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yaso nasiphi na isiphoso okanye ukushiywa okuqulethwe apha.